

## Ukwabelana Ngebali Lika Yesu



---

### SABATHA EMVA KWEMINI

#### **Fundela Isifundo sale Veki:**

*Efese 2:1–10, 1 Yohane 4:7–11, Marko 5:1–20, Heb. 10:19–22, Gal. 2:20, 1 Kor. 1:30.*

#### **Indima Yenkumbulo:**

“Ndinibhalele ezi zinto, nina nikholwayo kwigama loNyana kaThixo, ukuze nazi ukuba ninobomi obungunaphakade, nokuze nikholwe kwigama loNyana kaThixo” (1 Yohane 5:13).

**N**jengoko bekutshiwo kwisifundo esingaphambili, ayikho into ecikozela kakhulu amandla egospile ukudlula ubomi obutshintshileyo. Abantu bangaxoxa ngolwazi lwakho ngoThixo. Bangaphikisana ngeemfundiso. Banganengxaki ngendlela oziqonda ngayo iziBhalo, kodwa kunganzima ukuba babe nengxaki ngobungqina bento ayiyo uKristu kuwe noko akwenzileyo ebomini bakho.

Ukungqina kukubalisa oko sikwaziyo ngoYesu. Kukwenza abanye bazi ukuba uthetha ntoni uYesu kuthi noko asenzele kona. Ukuba ukungqina kwethu kuphelele ekuzameni ukubonisa ukuba oko sikholelwa kuko kulungile nokuba oko bakholelwa kuko abanye akulunganga, siya kuhlanguka nenkcaso enkulu. Ukuba ukungqina kwethu ngoYesu kuphuma entliziyweni ethe yenziwa ngokutsha lubabalo lwaKhe, yatsalwa luthando lwaKhe, yamangaliswa yinyaniso yaKhe, abanye baya kutsalwa yindlela inyaniso esiyikholelwayo ethe yanegalelo ebomini bethu. Inyaniso enikwe kwimeko yobomi obutshintshweyo yenza umahluko. Xa uKristu esembindini wayo yonke imfundiso, ibe imfundiso nganye yeBhayibhile ibonisa isimilo saKhe, abo sabelana ngeziBhalo nabo banethuba elihle lokulamkeila iliZwi laKhe.

*\*Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaSeptemba 12.*

## UYesu: isiseko Sobungqina Bethu

SingamaKristu, sonke sinebali esingalibalisa, ibali ngendlela uYesu atshintshe ngayo ubomi bethu noko asenzele kona.

**Funda: Efese 2:1–10. Sasinjani phambi kokuba sazi uKristu? Yintoni esinayo kususela ukuba samkela uKristu?**

**A. Phambi kokuba sazi uKristu? (Efese 2:1–3).**

---

**B. Emva kokuba saze uKristu? (Efese 2:4–10).**

---

Inguquko emangalisayo! Phambi kokuba simazi uKristu, saye “[si]file ziziphoso nazizono,” “[si]hamba kuzo ngokwesimo seli hlabathi,” “sisenza ukuthanda kwenyama,” kanti “saye ngemvelo sikwangabantwana bengqumbo” (NKJV). Ukuyibeka lula, phambi kokuba simazi uKristu, sasizula sibhadula singenanjongo ebomini, sikwimeko elahlekileyo. Kunokwenzeka ukuba sakha sanembonakalo yokonwaba, kodwa yayikho indawo ekrokrayo yomphefumlo nenjongo engazalisekanga ebomini bethu. Ukuza kuKristu sixhamle kuthando lwaKhe kwenza umahluko omkhulu. Ngoku sikuKristu, “siphilile” ngokwenene. “[Ngobutyebi obuncamisileyo bobabalo lwaKhe]” “nobutyebi benceba” ngakuthi, sisifumene isipho sosindiso. Wasivusa “wasihlalisa naye kwezasamazulwini iindawo, sikuKristu Yesu; ukuze ubutyebi obuncamisileyo bobabalo lwakhe abubonakalalise emaphakadeni azayo, ngokusenzela ububele ngoKristu Yesu.” KuKristu ubomi bunentsingiselo entsha baye bunenjongo. Njengoko esitsho uYohane ukuthi, “Kuye kwakukho ubomi, baye ubomi obo bulukhanyiselo lwabantu” (Yohane 1:4).

**Funda: Efese 2:10. Isixelela ntoni le ndimana ngendlela esebindini ngayo imisebenzi elungileyo kwinkolo yobuKristu? Siyiqonda njani le ncamango ngokubhekisele kusindiso ngokholo “kungekho misebenzi yamthetho” Roma 3:28?**

---

**Ubomi bakho buye baguquka njani ngenxa kaKristu, inguquko leyo engathi mhlawumbi ikwazi ukunceda omnye ukuba azi ngoYesu?**

## Amandla Aguqulayo Obungqina Bomntu

UYohane noYakobi, oonyana bakaZebhedi, babesaziwa ngokuba “[bangoo]Nyana beendudumo” (Marko 3:17). Kakuhle, nguYesu owabanika elo gama lesiqhulo. Umzekelo wokuba nobushushu kukaYohane wabonakala xa babecanda eSamariya. Bathi bakuzama ukufumana indawo yokulalisa, bahlangana nenkcaso ngenxa yentiyo yamaSamariya ngakumaYuda. Balelwa nezona ndawo ziphantsi. UYakobi noYohane bacinga ukuba babe naso isisombululo kule ngxaki. “Bekubonile ke oko abafundi bakhe, ooYakobi noYohane bathe, nkosi, uyafuna na ukuba sitsho, kuhle umlilo ezulwini ubatshise kuphele, njengoko noEliya wenjenjalo?” (Luka 9:54). UYesu wabakhalimela aba bazalwana, baza bebonke basishiya ngokuzola isixeko eso. Indlela kaYesu yeyothando, ingekuko ukunyanzelisa ngokulwa. Ngenxa yothando lukaYesu, ukungxama nomsindo kaYohane kwaguqula kwaba ngumoya onobubele nothando nemfesane elulamileyo. Kwileta kaYohane yokuqala, igama uthando livela kangangama-40; ngeendlela ezahlukeneyo, livela kangangama-50.

**Funda: 1 Yohane 1:1–4, 1 Yohane 3:1; 1 Yohane 4:7–11; no-1 Yohane 5:1–5. Zikuxelela ntoni ezi ndawo ngobungqina bukaYohane obathi babakho ebomini bakhe ngenxa yokuhlala noYesu?**

Kukho umthetho-siseko ongunaphakade ongumthetho wendalo yonke [iyunivesi]. UEllen G. White uwubeka kakhuhle lo mthetho-siseko ngamazwi athi: “Ukusetyenziswa kwamandla kuchasene nendlela yolawulo lukaThixo; ulangazelela kuphela inkonzo yothando; lwaye uthando aluyalelwa; aluzuzwa ngamandla okanye ngegunya. Kungothando kuphela eluthi uthando luvuswe.” — *Ulangazelelo Lwamaphakade*, p. 22. Xa sizinikele kuKristu, uthando lwaKhe luya kukhanya kuthi luye kwabanye. Obona bungqina bukhulu bobuKristu bubomi obuguqulwayo. Oku akuthethi ukuba asisayi kuze sizenze iimpazamo nokuba asiyi kuthi ngamanye amaxesha sisilele ukuba ngamajelo othando nobabalo esimele ukuba ngawo. Kuyatsho kodwa ukuthi, ngokwemfezeko, uthando lukaKristu luya kumpompoza luphuma ebomini bethu, size sibe yintsikelelo kwabo basingqongileyo.

**Ulubonakalalisa kakuhle kanjani uthando lukaKristu kwabanye? Cinga ngokuthethwa yimpendulo yakho.**

## Ukuxela Ibali Lika Yesu

Ngoobani abavangeli bokuqala uYesu awabathumayo? Babengeyiyo inxalenye yabafundi. Babengeyiyo inxalenye yabo bamlandela ixesha elide. Abavangeli bokuqala awabathumayo uYesu babe ngamadoda awayephambene, awayeneedemon awayegquqisa izwe lonke abetha bankwanya abahlali beelali ezikufuphi. Wathi enamandla angapha kokucinga, omnye waba baneedemon waqhawula amatyathanga akhonkxwe ngawo, enomkhwazo wokutswina owoyikekayo, ezicenta umzimba wakhe ngamatye abukhali. Intlungu esemazwini abo yayibonisa intlungu esemiphefumleni yabo (Mat. 8:28, 29; Marko 5:1–5). Kwathi kunjalo, bahlangana noYesu, baza baguquka ubomi babo. Babengasayi kuphinda babe njengakuqala. UYesu wazigxotha iidemon ezibangcungcuthekisayo zemka emizimbeni yabo zaya kungena kwigxuba leehagu zaza iihagu zaya kuqabela ngaphaya kwentaba zaya kungena elwandle (Mat. 8:32–34; Marko 5:13, 14).

**Funda: Marko 5:1–17. Yintoni eyenzeka kula madoda, baza bafumana ntoni abantu bokuhlala bakufika babona oko kwenzekayo?**

---

Abaneedemon ngoku babengabantu abatsha abaguqulwe ngamandla kaKristu. Abemi bedolophu babafumana behleli ezinyaweni zikaYesu, bephulaphule onke amazwi aphuma emlonjeni weNkosi. Kufuneka siqaphele ukuba ivangeli kaMateyu ithi babebabini abaneedemon abakhululwayo, lo gama ivangeli kaMarko ijongise ibali koyedwa kweso sibini. Eyona nto ithi, uYesu wabaphilisa emzimbeni, engqondweni, kwizimvo, nasemoyeni.

**Funda: Marko 5:18–20. Ngokucacileyo aba babaneedemon baza baphiliswa, aba basanda kuguquka, babefuna ukuhlala noYesu, kodwa uYesu wabathuma ukuba bayokwenza ntoni?**

---

“Ngemizuzu nje embalwa, yayingala madoda kuphela awaba nenyhweba yokuva iimfundiso zikaKristu. Ayengazanga akha eva neyodwa intshumayelo iphuma emilebeni yaKhe isiwa ezindlebeni zawo. Ayengayi kubafundisa abantu njengoko babenokwenza abafundi, bona babehlala yonke imihla kunye noKristu. Noko kunjalo, ayebuthwele ngeziqu zawo ubungqina bokuba uYesu unguMesiya. Ayenokuxela oko akwaziyo; oko wona ngokwawo akubonileyo, akuva, aweva amandla kaKristu. Yinto le anokuthi wonke ubani ayenze, ontliziyo yakhe iye yachukunyiswa lubabalo lukaThixo.”—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, p. 340. Ubungqina babo bayilungisa iDekapoli, izixeko ezilishumi kumanxweme olwandle lwaseGalili, ukuze ukwazi ukwamkela iimfundiso zikaYesu. La ngamandla obungqina bomntu.

## Ukungqina Ngengqiniseko

**Funda: 1 Yohane 5:11–13; Hebhene 10:19–22; no-1 Korinte 15:1, 2. Ngqiniseko ni yobomi obungunaphakade esiyinikwa ziziBhalo esenza singqine ngosindiso lwethu kuKristu ngokuqiniseka?**

---



---



---

Ukuba asinayo ingqiniseko yethu ngosindiso kuYesu, asingeke sikwazi ukuthetha ngalo kwabanye. Asikwazi ukwabelana ngento thina ngokwethu esingenayo. Akho amaKristu asezingqondweni aphila kwimeko yokuhlala engaqinisekanga, engazi nokuba angaze alunge ngokwaneleyo ukuba asindiswe. Ngokutsho komnye umshumayeli omdala owayelumkile, “Ndithi ndakuzijonga, ndingaboni ukuba ndingaze ndisindiswe. Xa ndijonga kuYesu, ndingaboni ukuba ndingaze ndilahleke.” Amazwi eNkosi ankenteza ngengqiniseko emaphakadeni, “Bhekani kum, nisindiswe, nonke ziphelo zehlabathi; ngokuba ndinguThixo, akukho wumbi” (Isa. 45:22).

INkosi yethu ifuna ukuba sonke ngabanye sivuye kusindiso esinika ngesisa. Inga singanamava oko kuthethwa kukugwetyelwa ngobabalo lwaYo size sikhululeke ekugwetyweni bubutyala obuziswa sisono. Ngokutsho kukaPawulos kwabaseRoma 5, “Ngoko, sigwetyelwe nje ngokwaselukholweni, sinoxolo kuThixo ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu” (Roma 5:1). Wongeza ngelithi singanayo ingqiniseko yokuba “ngoko ke, ngoku akukho kugwetywa kwabakuKristu Yesu” (Roma 8:1). Umpostile uYohane uqinisekisa ukuba “lowo unaye uNyana, unabo ubomi; lowo ungenaye uNyana kaThixo, akanabo ubomi” (1 Yohane 5:12). Ukuba ngokholo simamkele uYesu, abe uhleli ezintliziyweni zethu ngoMoya Oyingcwele, isipho sobomi obungunaphakade sesethu namhlanje. Oku akutsho ukuthi, ngako nje ukuba samkele ubabalo lukaThixo nosindiso kuKristu, asisokuze siphinde silulahle (2 Pet. 2:18–22, Heb. 3:6, IsiTyh. 3:5). Sisoloko sinokuzikhethela okukhululekileyo ukuba simke kuYe, kodwa ngako nje ukuba siluxhamle uthando lwaKhe, sabuqonda ubunzulu bombingelelo waKhe, akufuneki ukuba size sikhethe ukumka kuLowo usithande kangako. Imihla ngemihla siya kukhangela amathuba okuthetha nabanye ngobabalo esinikwe lona kuYesu.

**Ingaba unaso isiqinisekiso sosindiso kuYesu? Sifumaneka phi? Kwelinye icala, ukuba akuqinisekanga, yintoni eyenza oko? Ungakufumana njani oko kuqiniseka?**

## Into Efanele Ukuba Kungangqinwa Ngayo

**“Ndibethelelwe emnqamlezweni noKristu; ayisendim ke odla ubomi, nguKristu ke oselesidla ubomi kum. Ubomi ke endibudlayo ngoku, ndisenyameni, ndibudlela ekukholweni kuNyana kaThixo, owandithandayo, wazinikela ngenxa yam” (Gal. 2:20).**

Ngokuqinisekileyo kukho izinto esizincamayo xa sisamkela uKristu. Kukho izinto athi kufuneka sizinikele. UYesu wakubeka kwacaca ukuzinikela kokulandela Yena: “Ukuba ubani uthanda ukundilandela, makazincame, awuthwale umnqamlezo wakhe imihla ngemihla, andilandele” (Luka 9:23). Ukufa emnqamlezweni kubuhlungu. Xa sinikela ubomi bethu kumabango kaKristu nalo “mntu mdala” wesono abethelelwe (see Roma 6:6), kubuhlungu. Kubuhlungu ngamanye amaxesha ukuncama iminqweno ethandwayo nemikhwa ekade iphilwa, kodwa imivuzo ingaphezulu kakhulu kwentlungu.

Ubungqina obunamandla obunegalelo eliguqula ubomi kwabanye buqwalasela koko uKristu asenzele kona, ingekuko esikuncamele Yena. Buzinze [ubungqina] ekuzincameni kwaKhe, hayi kule nto thina sithi “kukuzincama” [kwethu]. UKristu akazanga wathi masincame nantoni eyeyokulungelwa kwethu ukuba siyigcine.

Kanti ke, imbali yobuKristu izaliswe ngamabali abo benza imibingelelo emikhulu ngenxa kaKristu. Kwakungekuba aba bantu babethenga usindiso, kuba, nokuba izenzo zabo, sezingenaye umna kodwa zikukuzincama, zazingayi kubenza banconywe phambi kukaThixo. Endaweni yoko, kwiimeko eziliqela, ngokuqonda oko uKristu wabenzela kona, la madoda nabafazi babekukhuthalele ukukubeka konke esibingelelweni, ngokobizo lukaThixo ebomini babo.

**Funda: Yohane 1:12, Yohane 10:10, Yohane 14:27, no-1 Korinte 1:30. Ubungqina bethu busoloko bakhelwe koko uKristu asenzele kona. Dwelisa ezinye zezipho zobabalo lwaKhe ezikhankanywe kwiindima ezingasentla.**

---

Ngokweendima ezingentla, cinga ngoko uKristu akwenzele kona. Use nokuba ungumKristu ozinikeleyo ubomi bakho bonke, okanye mhlawumbi ube nokuguquka ngamandla ngokukhawuleza. Yetyisa indlela athe uYesu walunga ngayo kuwe nenjongo, uxolo, nolonwabo akunike lona. Cinga namaxesha akunike amandla okuphumela kumava anzima obomi bakho.

**Luhlobo luni lwemibingelelo [ukuncama] obizelwe ukuba uyenze ngenxa kaKistu? Yintoni oyifundileyo kumava wakho engaba yintsikelelo kwabanye?**

**Ingcamango Eyongeziweyo:**

Funda: Marko 5:25–34. “Isihlwele esasimangele sasizinyanzele kufuphi kuKristu kodwa singeva kungena kwamandla aphilisayo. Yona intokazi eyayinesigulo yolula isandla sayo ukuba imchukumise, ikholwa ukuba iya kuphiliswa, yawava amandla aphilisayo. Kunjalo kwizinto zasemoyeni. Ukuthetha ngenkolo ngendlela nje eqhelekileyo, ukuthandaza ngaphandle komphefumlo olambileyo nokholo oluphilileyo, akwenzi nto. Ukholo nje lokuzibiza ngoKristu, olumamkele njengoMsindisi nje wehlabathi, akusayi kuze kuzise ukuphila emphefumleni. Ukholo olusingisa elusindisweni asikukuvuma inyaniso nje ngengqondo. . . . Akwanelanga ukukholelwa ngoKristu; kufuneka sikholelwe kuYe. Ukholo, ekuphela kwalo olunokusinceda, lolwamkela uYesu njengoMsindisi; lwaye lusinika okuhle kwaKhe ukuba kube kokwethu. . . . “Ukuvuma kwethu ukunyaniseka kwaKhe kusisenzeleli seZulu sokutyhila uKristu ehlabathini. Kufuneka siluvume ubabalo lwaKhe njengoko lwaziswe ngamadoda angcwele akudala; kodwa, eyona nto iya kuba nelona galelo likhulu, bubungqina bawethu amava. Singamangqina kaThixo xa siveza ezimilweni zethu ukusebenza kwamandla angcwele. Wonke ubani unobomi obahlukileyo kobabanye, namava awahluke ngokufanelekileyo kwawabo. UThixo unqwenela ukuba ukudumisa kwethu kunganyuka kuye kuYe, kunophawu lokuba kokomntu ngamnye. Oku kuvuma kuxabisekileyo ekudumiseni uzuko lobabalo lwaKhe, xa kuxhaswa bubomi obufana nobukaKristu, kunamandla angenakuchaswa asebenza ukusindiswa kwemphefumlo.”—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, p. 347.

**Imibuzo Yokuxoxwa:**

- 1. Zithini iziqalelo zobungqina obunyanzelisayo? Funda ubungqina bukaPawulos phambi kuka-Agripa kwi-IZenzo 26:1–23. Siyintoni isiseko sobungqina bakhe?**
- 2. Yintoni eyenza ucinge ukuba ukungqina kwethu ngoko uKristu asenzele kona kunamandla kakhulu? Phofu, uwuphendula njani umbuzo othi, Kulungile, kwenzeka loo nto kuwe, kodwa uthini ukuba mna andinawo loo mava anjalo? Kutheni le nto kufuneka amava wakho akwazi ukundifundisa yonke into enokubangela ukuba ndilandele uYesu?**
- 3. Zeziphi ezinye zezinto ongathanda ukuzinxwema xa unika ubungqina bakho kumntu ongakholwayo?**
- 4. Hlala kumbuzo ongengqiniseko yosindiso. Kungani ukuba le ibe yindawo ebaluleke kakhulu kumava obuKristu? Singaqinisekiswa njani ngolwethu usindiso lo gama, ngelo xesha linye, singenabuganga [ukuCINGA ukuba sisindisiwe]?**